# PASCOE (U FOLOKOCO.)

NIYAZI apo ningamfumana kona. Uyazibulisa izihlobo Zake ezintsundu. !

Ufuna ukuzikumbuza ukuba usandulu kufumana into eninzi yempahla i ezintsha ezivela e NGILANE :—

## IZIHLANGU ne SHUZI!

EZABAFAZI i SHUZI 3/6 ngo pair
„ EZINEMITYA 4/6 nge pair
EZAMADODA „ (ezomoleleyo) 7/11,8/6, njalonjalo
„ EZILUKUNI (Bluchers) 8/- nge pair

Ingubo Zamadoda Zokunxiba (ngokukodwa) Ezokutshata —Uyezvana.
Asiwalibele Namanenekazi Ilokwe Ezimhlope zo Setini ziqala kwi 30/—Qonda i £1 10/- qa.
izigubungelo, Amagqabi, Ezokutshintsha Ilokwe, ne Ndilokwe, njalo njalo.
Eyengeji neyokutsbata imisesane Amacici, njalo njalo.

[TYALI ne PRINTI zake ziyalicimilanga, Ningazilibali ITYALI zake.
[ FLANELE ziqala kwi 3d. nge yard.
[ kavala zamabhayi zobusika ezinoboya 6d. nge yadi
[KELEKO e Brown 3d. nge yadi—ummangaliso.

## KWA FOLOKOCO,

Nge Nqu-" SALUF,"
Ezantsi Kwetyalike yama SKOTSHI,
E QONCE.



## Thomas Bailey & Co.

E QUEENSTOWN,
BASANDU KUFIKELWA YIMPAHLA ENINZI

IZIHLANGU, ISHUZI,
kwane SLIPPERS,

ZONKE BAZITENGISA
Ngamanani alula apa Safafika

I Veldtschoen zama doda ziqala kwi 4/6.
Ezibotshwayo „ nenekazi 4/-
(ZINOLUSU KANYE).
I Slippers, ziqala kwi 2/6.

*BONKE MABEZE KUZI KETELA*



The New Jaggersfontein Mining and Exploration Co, LIMITED.

## JAGERSFONTEIN MINE.

*The General Manager intimates that able and strong men will find work.*

Good Wages, Food Free, and Good Treatment.



## James Greig, THE NATIVE STORE,

NGASE LOKISHI E MONTI.

UMEMA abahlobo bake Abantsundu ukuba baye kutenga i Blanket! zake, Ityali, Isuti, Onoxesha, Izihlangu, Iprinti, Umgubo, Umbona. Incwadi ze Tyalike, Impahla Yabalimi, Iti Ikofu, Iswekile, njalo njalo.

*Utengisa "Imvo"*

Yeyona Venkile Yabantsundu egqite zonke ngobu tshipu E MONTI.




## Gibberd & Bryant,


E QONCE

6d I PRINTI EZINTSHA, ngoku babonisa
AMABALA NGAMABALA.

ITYALI ZE CASHMERE.
Ezimhlope, Ezibomvu, Eziluhlaza onke amabalana Moroni
Ngamanani onke, asusela kwi 5/-

Ishuzi ze Kanvas ziqalela kwi 3/6
Izihlangu ezimnyama ziqalela kwi 5/-
Ishuzi „ „ 4/-
Ishuzi ezibomvu ziqalela kwi 5 6





INGUBO ZOKUTSHATA
I Satina ezintsha ziyafunyanwa ngamanani onke
Ilokwe Zokutshata, Izigqubutelo, Amagqabi Iminqwazi
Nezihlangu Ezimhlope. Kuketwa kwinto eninzi.

KWA GIBBERD and BRYANT

E-QONCE.



Yaka Umzimba

Woba uyazinqabisa esifeni. Akuko yeza ligqite i SCOTT'S EMULSION ekulungiseni umzimba otyafileyo.

Emva kwe Fiva

Umntu uyabitya abe nokutyafa, yaye ne fiva iyakumana imhla ude umzimba womelela. Kautate i

## Scott's Emulsion

Onke amagqira okuxelela ukuba batinina abantu ababe bityile betyafile ukomelela, bafumene impilo kupelangokutata eliyeza likulu.

Amawaka Onina

Banika i SCOTT'S EMULSION kwintsana zabo, bayisebenzise nabo, kuba ityebisa ilungisa igazi, iqinisekisa nokukula kosana lomelele. Akukonto iluncedo ku kohlokohlo, Ingqele kwane sifuba esingomeleleyo njengayo, ifanele ke ngoko ukutengwa

Yimilwelwe Yonke.

Inokufunyanwa kubatengisi mayeza Nezitora Zonke.



## *Transkei General Council.*

*Applications for Post of*

## Clerk & Accountant.

APPLICATIONS will be received by the Chief Magistrate of the Transkei, at his Office, Umtata, up to and includ ing the

30th NOVEMBER, 1897,

For the appointment of Clerk and Accountant to the Treasurer of the Transkei General Council, at' a salary of £250 per annum. The successful applicant will be required to enter upon his duties as such, at Butterworth, on the 1st of January, 1898.

Applicants must possess a thorough knowledge of Book-keeping.

W. T. HARGREAVES, Secretary.
General Council Office, Umtata, Sep. 30, 1897.



## U W. THOMSON,

ONE VENKILE,
E WHITTLESSA,

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinazo zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zezifanelekileyo zaye zitengiswa tshipu. Kusoloko kufika impahla ezintsha.
Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko, Iqiya, Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, Ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuzi, Ikofu, Swekile, Ti, Umgubo, Iparafini, Icuba, njalo njalo

Abantu Bamkelwa Ngobubele.



## J. LAMONT,

NKATULA! NKATULA
QUEENSTOWN.

KUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izinto azifunayo.

U J.L

Unga angacela amehlo ecelela imfumba anazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingubo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, — ngazninye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga aviwe ngapambili e Queenstown.

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/; Imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge l00lbs ; Ikofu 1/ ngeponti.

Kwakona unemfumba yengubo ezingonoxesha, zonke ngamaxabiso abaluleke ngobu. pantsi. Lilo eli ixesha labahlobo beta bangapandle ukuba batenge,

IMVELISO.

Awona manani apezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, njalo.njalo, njalo.njalo.

J. LAMONT,

Kwi Boloro yakwa Komani,
QUEENSTOWN.



UMCHIZA KA

LUMSDEN.

UMFULAWENJA Esisifo asinto yi-mbi ngapandle
UMFULAWENJA kokuba sisuke siwugqibe wonke u-
UMFULAWENJA mzimba ngaxesha nye. Siqala ngo-
UMFULAWENJA kumana umntu eqaqazela yingqe-
UMFULAWENJA le, kude kube buhlungu nengalo
UMFULAWENJA nemiqolo, njalo njalo, ize kufike
UMFULAWENJA Intloko ebuhlungu, Nomqala, ne
UMFULAWENJA situkutezi, nokutamba. Ukuba
UMFULAWENJA uqalwa zezi zifo funa Ibotile ka
UMFULAWENJA LUMSDEN Y o k u - nyanga Umfula-
UMFULAWENJA wenja (Influenza Specific) olungele
UMFULAWENJA Ingqele, Intloko, njalo njalo.

IXABISO 2/- ne 2/6 nge POSI,
UTENGISWA KUPELA NGU

R. LUMSDEN & CO
MAOLEAN STREET,
King Williamstown.



UKUBA UNGA

IKLOKO' YAKO ne 'WOTSHI' YAKO

*ZINGAHLANJWA*

—YIYA KU—

N. MEYER,

CAMBRIDGE ROAD, EQONCE.

Uzenza ngokutshipu, kunjalo nje zifungelwa.


## Ukwazisana Kwezihlobo.

Abazelweyo.

NQANDELA.—U Mrs. T. G. Nqandela, wase Tarkastad, ufumene INTOMBI ngomhla we 29 ku September, 1897.

Imibiko.

TUNYISWA.—Kubube nge 24 October, 1897, u DANIEL, unyana otandekayo ka Matthew no Emily Edith Tunyiswa, base Mkangiso. Ubudala 21 intsuku. Ugule intsuku zantatu. Izihlobo mazamkele lombiko. [2411

DIKWAYO. — Kusitele kukufa e Bojane, Engcobo, ngomhla we 9 ku October, 1897, u NUTTALL ROWE, unyana otandekayo ka Rev. W. Dikwayo no Fanny Dikwayo. Ubudala bake bukwiminyaka emibini. Ugule iveki ezimbalwa.

Abazali babulela ububele obenziwe yiremente yase Ngcobo, nomfundisi u Rev. H. Mdleleni wase Nyanga. Izihlobo mazamkele lombiko. [22810

## Kufunwa .

NGOMHLA wokuqaiaku NOVEMBER, Intombi Entsundu okwaziyo ukupeka. Ingabi ncinane kakulu, ibe nokuteta isi Ngesi. Koyiwa ku Mrs. Y. P. PEINKE, 31111]
Taylor Street, e Qonce.

## Ukuvulwa kwe Tyalike.

KUYAZISWA ukuba Indlu ye Cawa yama Wesile yase NQABARA (Willowvale), iya kuvulwa ngomhla we 2 NOVEMBER, 1897. Ke kucelwa izikali eziramenteni. Seyele kwindlu ye Cawa, u Landipasi usishushulisile.

Kotunyelwa ngabangena kufika ku H. MAZAMISA Nqabara Willowvale.

181111

## Isaziso ngo Landipasi,

*E NGQUSHWA.*

KUYAZISWA apa okokuba ukususela, nasemva kolusuku, ukuhamba kwe Nkomo ne Nqwelo kulo Mandla kuvulelekile kuzo zonke Inkomo *eseziqatshulwe nge Gazi* okanye nge *Serum* emva kwentsuku ezilishumi elinesihlanu.

D. B. HOOK,
Imantyi ne Tshalman ye
Komiti ka Landipasi.

Local Rinderpest Office,
Peddie, 14 October, 1897. [22810


INCWADI YENKONZO ZEHLELO
LASE RABE.

I NCWADI elilungelo labo bonke ABA KOKELI, ABAVANGELI ne BENTENTE yenkonzo zama hlelo ase RABE.

Inenkonzo ezinjenge ZOKUNGCWABA, UKUNGENISWA kwatna DIKONI ebu DIKONINI, IMITSHATO, njalo njalo.

Ziyakuba luncedo ukunika ukwazi kumntu ngamnye ose Rementeni.

IGUQULELWB ESIXHOSENI NGU
REV. W. B. RUBUSANA.

Zinokutengwa kuye. East London ; nakwi Ofisi ye " Mvo Neliso Lomzi," King Williams Town 6d. inye. Itunyelwe nge Posi 7d. Umqulu Weshumi elinambini 5s 6d, ngeposi 6s.


ISEKETI YASE QONCE YABELUNGU.—Iseketi yama Wesile amhlope ase Qonce, icele u Rev. R. Jenkin, wase Verulam, ukuba aze kuba ngu Mongameli wayo emva kwe Komfa ezayo, xa u Rev. H. Cotton ayakuya kusebenza kwelinye icala lesitiya,


U

W. J. STEWART,

(Ogama limbi lingu SITULO),
UNGU MGCINI-NCWADI, UMLUNGISELELI WENGXELO ZE MALI, UMHLANGANISI WAMATYALA, KWANOBU ARENTE.
Umbhali we Kaffrarian Building Society.
Downing Street, King Wm's Town,
P.O. Box 117-



# Imvo Neliso Lomzi.

NGOLWESINE, OCTOBER 29, 1897.


*AMADODA OMZI, No.* 2.

UMZI ontsundu uqele ukutetelwa zinkosi. Inkosi bezibanama pakati azo, eko nama duna angabu nkosi akwa nama pakati awo. Namhla indawo yenkosi yanikwa izibonda ezinga bupolisa, kuba zisamkela umvuzo ku Rulumente. Azinako ke ngoko ukungena zilwe amadabi omzi nje ngoko bezisenjenjalo inkosi oko bezisa zipete. Ngecala lenkosi nezibonda ke umzi uwodwa, awuna mkangeleli kwinto zase Mbusweni nase Mfundweni. Kekaloku ke kunye nokufa kwegunya lenkosi kuvele udidi olutsba lwabapati bemizi—siteta ABAFUNDISI. KU lapo ke ngezimini umzi ubeke kona intonga. Ngabafandisi amadoda anegunya lokuhlanganisa abantu zonke ezi Cawa, baze kupulapula kubo into ezililungelo empefumlwesi nase nyameni.

Waka wati u Rev. Dr Ross eteta entlanganisweni etyalikeni yase Dikeni: " Hambani niye kuti " kwimpi yakwa Gaga neyase " Mxelo, neyase Roxeni nase " Sheshegu, nditi moa idekisile nje ngenxaso yabafundisi iyazi na " ukuba lemihlaba nalamasimi iwazuze ngati bafundisi ? Iyazina ukuba salwa amadabi amakulu, sada sazuza ukutiyeka, saye sifuna ukuze babe nendawo zokuhlala baze baxase ilizwi bafundise abantwana babo, ukuze bande ubukumkani buka Tixo ? Hambani " niye niti kutsho mna—ati opikayo nimtumele kum apa." Kunjalo ke okunene. Namhla umzi ungongqukuva - ngubafundisi ubanempondo. BAPINA KE ? Siyayazi imizamo yabo ngabanye endaweni zabo, ukuba mikulu. Siyazi ukuba kuko into zo TYAMZASHE ezide zatshona emangcwabeni zisilwela amalungelo e Ramente zazo. Baninzi abate gqolo ukulwa no Mongameli mfundo ukwala ukuba zingavalwa izikolo zabo ; waye lomsebenzi siwuqonda ubukulu bawo ukuba ngowona unzima ebufundiseni. Noko ke siyapinda siti BAPINA KE ? Sibafuna *bengumkosi omanyeneyo.*

Kuqala, kufuneka beqonde lento yokuba abana kuwunceda umzi, siteta umzi upela, xa basebenza ngobuhlelo betyalike bodwa—xa bangenzi mizamo yokuvana ngezinto zamalungelo omzi ougapandle kobu ramente. Ngabafundisi betu—sibhala ngembeko kuba sibatanda. Kodwa nguti italente zabo bazimbele. Abanye bati nokuba bamelene kanti bapikele ukuxamlana behlutana ngamaxego namaxegwazana angasenawo namazinyo, Imike imicimbi emikulu yomzi.

Ezindawo zilandelayo zilinde abafundisi betu .

1 Umanyano oluqinileyo nge Mfundo, olungabanga ukuba no Mcngameli-mfundo aqonde ukuba ujongene namadoda, ipele lento yokunqoloba ngabanye abafundisi abahlute izikolo.

2 Umanyano ngonyulo lwamalungu e Palamente. Siyazi ukuba abanye bayaloyika igama lokuba ngabafundisi bezelizwe (political parsons). Ewe kungade kube njalo kumfundisi opete abamhlope, kuba kuwo anele amadoda anokuzazi nokuziqonda into zombuso, Kodwa kuti kuyafuneka umfundisi *eliliso* lokubona into ekude, *eyindlebe* yokuva into esese kwe ntaba *engumlomo* wokukwaza ati "Nalo Nalo utshaba! "

3 Tina bapatele umzi lemvaba yepepa ingaba luncedo olukulu kuti nasemzini upela ukuba simane ukupakelwa amacebo ngabafundisi. Nabo imfundiso zabo abanga zingafikelela kwaba kude nabo, nabalunge kwezinye ityalike bangazi vakalisa lula nge pepa eli lendala. Sesite kambe umzi ujonge kubo, tina ke ngo singaba ncedi babo. Ukuba kunjalo ke bangaba bancedisa kwa umsebenzi wabo twakunye nokunoeda umzi upela ngokuxasa ipepa lendaba. Mhlaimbi abanye bangaweva kubi lamazwi, kodwa ke sitwele umtwalo onzima—ukucima imililo yemfazwe nokulwa amadabi nge mihlaba nange mfundo, sizama ukuba lilungelwe i Lizwi lika Tixo, esibonayo ukuba emva kweminyaka elishumi elinantatu alubonakali kwanda uncedo esilufumana kubafundisi. Kunzima kuninzi lwabo nokunazisa ngemieebenzi yabo enje ngezikolo, intlanganiso zo mnyaka, ukuhamba kwe Lizwi, into abangati ukuba baya zenza babe baninzi kubantu babo abalinonelelayo ipepa, baze bavuseleleke nabo, sikutazeke nati. Soka siyeke apa namhla sinomnqweao wokunga singeviwa kakuhle ngumzi wakowetu.

*I DIKE NONYULO.*

IPEPA lase Dikeni alivutwa ngamanqaku esawenza ngezanyulo kulowo mandla. Lili " IMVO izipos' ixaka kulomcimbi, yavukalisa izimvo zayo mayelana neqela lamadoda akankanyelwa ngokuba ayakuba pambi komzi." Indawo ke yokuzi pos' ixaka ayivakali, kuba ngabo banga bangapambi kwabanyuli abaqalileyo. Ngokoke elipetshana lenze ubugqwididi kwasekusu: selen ukuteta yaye ibuyilo obunjalo intetoyalo kwada kwaba sekupeleni. Kwinqaku elilandela elokuqala, uwetu lo usixelela into ebingazanga yasitela nakubani, eyokuba " I Dike lisenayo ingqondo yalo, yaye "inqubo yamalungu alo ingali- tyalwe." Asiyiqondi into eteta yona ngokudibanisa inteto engugqondo ye Dike nokungalityalwa kwenqubo yamalungu alo. Kwangokunjalo sibesingazanga saswela ukuyazi into yokuba, "u Mr. HAY " uyakucaswa ngamandla kweso " sitili." Ibingeyite i *Alice Times,* uyakucaswa u'Mr. HAY njengokuba ehlala ecaswa kakade apo e Dikeni. Eyona nto bangatanda ukuyiva abantu kukuba kungatuba nina ate wamana ukungena kulencaso ingaka. Elipepa lonto lisakubuye liyiqonde ngonyulo oluzayo. Sifikeke emva koku sibaliselwe ibali elidala elingenamdla ngevoti ka Mr. HAY e Palamente xa kwaye kupezu kwamalungiselelo alo loliwe wase Cookhouse —ukuba u Mr. HAY wavotela £1,500 ngemaile xa kwaye kucelwe £2,000. Asisiboni isiwo sake kulonto, kuba i Kontraki yalo Loliwe yamkelwa ngalo eloxabiso le £1,500, ekubonakala ke ukuba ululiwe wayenokwenziwa ngalo, amanye amakulu amahlanu yayi seyi yimali engapaya kwemfuneko, eyayiyakutyebisa abakontileki ngelahleko yabaroli berafu—umzike. Okukuwanqakomhlobo wetu masikubeke nxamnye sakuhabela sinqakule indawo enye, apo ati " Kulusizi ukuba IMVO yahlala imelana namadoda anyulwa " engawasekaya e Dikeni." Ingaba iteta ntonina ngokutsho i *Alice Times ?* Kumaxesha adlulileyo IMVO ixase e Dikeni unyulo lo Mr. ROSE INNES, emva koko oluka Mr. TAMPLIN, ukugqibela oluka Mr. HAY, kuba ingamadoda ezonto. Ukuba elipetshana linokusixelela amadoda kwawasekaya, aludumo lunjengolwala, esawalahlayo singeva ngalo, kodwa asizohlwayi ngokuzamela ukuba kungene amadoda anamaqakamba adlekayo, nanesitunzi, ngokwenjenjalo sigcine udumo lwe Dike xa Iona lizamela izigxudwana ezinteto zingehoywe bani. Kanjalo ke e Bandla, xa sukuba kuxoxwa, amadoda awazikatazi ngokucinga ngendawo ehlala kuyo indoda, aye ejonge emabumbulwini obuciko. Isiwo setu ke e Dikeni, ukuba singaba siso, kukunqanda i Dike ukubalingazigxeki ngokunyula abameli bokubuda. Masipele apo, enye inteto yelipepa, engeyakulonto nayo, singebi sazikataza ngayo.

*AMACEBO AMATSHA NGESI SIFO.*

NJENGOKUBA usazi umzi, seloko amagqira alalisayo ukufuna eyona nto ingade ibe luncedo ukuba kubeko inkomo ezisindayo. Ukutofa ngenyongo kunempunde, kanti zibuye zibliwe emva kwexeshana. Ngoku luyalahlwa uqapulo lwe nyongo, ukuba kuqutywe ngolwegazi elicweugileyo (serum) kuba ngalo ziquba ixesha elingapezulu, kubeko neziba yiminqini kanye; kanjalo kwezitofwe ngenyongo, eligazi litsha alisebenzi kakuhle kuba liti kanti lifakwe ibisakuselwe loluya lwe nyongo, ingaguli ke, kanti yeyona nto ifunekayo leyo. Inkomo ezibe zifakwe negazi, zaza zagula zapila, kufumaneke ukuba ziba yiminqini. Amagqira awacebisi kuba imihlambi epilileyo ifakwe eligazi licwengileyo, kodwa lifakwa kwczibliwayo kupela. Ezipilileyo kulowo mblambi zifakwe igazi elibukali kwelinye icala ze ngelinye elicwengileyo, okanye zifakwe buhlantini bunye nezifayo ukuze zihliwe nazo, zifakwe ke eligazi. Anjalo ke amava amagqira empahla ukuza kuti ga kolusuku njengokuba ebhalwe epepeni la Komkulu. Sicinga ke ukuba angaba nomdla nakowakowetu umzi ongaba usenazo inkomo.

## Indaba ze Veki.

Kwimihlati yetu yesi Ngesi, kwelegqitileyo, sangenisa inteto yomzi wase Toboyi, kwisiqingata sase Ngqamakwe, eyayibekiswe ku Mr. SCULLY, umantyi. Lenteto yayingumbulelo wabantu bebulela imigudu ka mantyi yokusihdisa inkomo zabo sakuba sibe singene esisifo soyikekayo. Babalula izikubekiso ezabekwa pambi ko mantyi emsebenzini wake, ate noko akatyafa; ukuzola kwabantu esaqala kubo isifo, kwanokwaneliseka kwabo nanamhlanje; imigudu eyenziwa yimantyi yokulwa nengxelo zobuxoki; kwa nencito-mali eyenziwe ngu Rulumeni ngetuba labantu. Lencwadi ibekwe amagama o Messrs. STANTON NZOYI, MKUZO, MATAFENI, S. MALAWANA, SOPUTA nabanye egameni lomzi.

Impendulo ka Mr. SCULLY, ayenze ngo 11 October, iyeyomntu ekuvakalayo ukuba uxolisekile kanye sesi senzo. Uvakalisa ukuba, okukokwake, wenze konke abenako; waye enovuyo ukuti abantu base Toboyi bazipata kakuhle kanye pantsi kwenzima yokuba saqala pakati kwabo isifo, ngexesha ezaye zingekalungi izinto zokutofa, kute zakulunga bayibeka konkena ezandleni ze mantyi imicimbi yabo. U Mr. SCULLY unosizi olukulu ukuba ezinye indawo zingatabatanga ikondo labo. Uyavuya kuko impunde ezisindileyo, ucinga, ukuba bayakumana ukululamela amacebo ka Rulumeni nakolwegazi elipilisayo utofo, kwisituba seminyaka emitatu, bayakuba sebebuye bahlqma.

Ukukanya makube kuyaquba apo e Ngqamakwe, kuba asikolisi ngakuva ebulelwa osebenzileyo, ngendlela ebaluleke njengale, ngabantu bakowetu; imibulelo yabo ikolisa ngamangumngum, apelela apo enziwa kona. Kuma Ngesi indoda oziva uqube umbulelo kuyo umzi izotyelwa incwadi ezintle, yenzelwe *ilantshi* mhlaimbi amadinana, ibe ke iyabulelwa. Basikumbuze lonkonzo, ngale abantu base Toboyi.

Ngomzi wase Magqunukwebeni, kuyabonakala ukuba imbali iyakuze ibalise ngosizi, ukuba umgca omhle kunene, owawenziwe ngu KAMAomdala, wenkonzo ka Tixo endilekileyo nemsulwa, nowawanika udumo nentsikelelo zayo mabandla, wonakala kwakupata inyana. Ababoxi bomsebenxi kutiwa layamkeleka nabo kumadwebeba alowo mnumzana. Abanye bangaba babona tamsanqa kwizinto ezinie, kodwa kokwetu ukuwafunda amabali, asilindele vona, kupela jyintlalo embi engena itsikelelo nokupanza.

U Mr. N. ADAMS LOWE, wevenkile yase Mandileni, kwa Baca, usibalele inteto enexabiso ngesi Ngesi. Uteta ngomhekulo owenziwe yi Mvo, ukugxotisa inteto zokuba amawetu acinga ukulwa no Rulumeni kuba inkomo zibubile, ati uzilese ngenyameko ezonteto, evelana nazo kanjalo, ngapandle kwendawana yokuba kuko iqela labafana abasileyo bamaqaba, elingafikelelwayo zimpembelelo ze Mvo, kwa nalifute labafundisi. Zaye imfazwe ziqalwa ngamalibenje abanjalo, abafike baqweqwedise inkosi nezibonda. Ifuneka kubantu abanje ke imikosi. Utsho u Mr. LOWE ati, "Akuko mntu unexesha elitabata ipepa lako elincomeka kunene, oyimfama kwimigudu yako engatetekiyo yokuhlanganisa intlanga ezalanayo, kodwa kuko inkontyolo zomhlaba elingafikeleliyo kuzo ilizwi lako," ekufuneka ke abakwezo ndawo bemane beboniswa amandla ka Rulumeni ngemikosi. "Nam ngokwam, ndihleli emalandalahla, pakati kwentaba, le kwabanye abelungu, kanti andoyiki, nabantwana bam aboyiki nto, kumelwane Iwabo oluntsundu." "Uti esitsho abe esiti, " Ilizwe lipakati konyawo nozipo, baye abantu bequba ngendlela ebonisa ukuzeyisa, kodwa noko, njengoko litshoyo iqalo 'kube kube betele ukunqaba kunokuba lusizi.' " Okokwetu singati asikolwa ukuba ziseko inkontyolo ezingamaziyo u Rulumeni, namandla ake, nokuba zipantsi kwake. Into efunekayo asimikosi, yimpato yobulungisa.

Ngokumayelana nenqaku elaqala ukubonakala kwi Mvo, lokuba u Mr. CRONWRIGHT-SCHREINER, wase Kimberly, angaba semnyadaleni wonyulo, i *E. P-Herald,* ipepa lase Bai, liti lingavuya indoda ezimvo ziqinileyo, nenobuciko bunjengobake ingene, kodwa ifika ibe nobudididi mayelana necala angazimanya nalo kuba engemamkeli ka Mr. RHODES, yaye ke ijaji engengawo amadoda angayikumlandela u Mr. RHODES. Kuti lento yenxaso ka Mr. RHODES ayindawo; into kukuba imvo zelungu ziyintonina—zibe ziyintonina kanjalo,—ngati bantsundu. Asikwazi ukuba singazigweba ngo Mr. RHODES izimvo zamadoda, kuba ungulo ubevana nama Bulu kwimicimbi yabantsundu, angaxabananga nawo ngayo kanjalo, kodwa baxabene ngokufunza e Transvaal, kungengatuba labantsundu nako kodwa, kungendyebo zelo. U Mr. CRONWRIGHT- SCHREINER ngumteteli mdala waba ntsundu, esenguye nanamhla. Ayini kuti into yokuba ebona ububi benqubo ka Mr., RHODES yokufunzela indyebo zama Bulu. Nokuba ubekolwa nokuba ubengakolwa yilouto uyamkeleka kuti sezintle nje ngakuti imvo zake. E Palamente woma lumere neqela lika Mr. INNES no Mr. SOLOMON no Mr. BEARD elikwano Mr. HAY.

Njengokuba u Bishop WEBB evakalise ukuba uya kuroxa kwisilulosake e Rini, seziqalile ingqondo zabantu ukubekabeka ukuba ngubanina ongatata indawo yake. Igama elisakankanyiweyo lelika Right Rev. Dr. CARTER, ongu Bishop wakwa Zulu ngoku. U Dr. CARTER usemtsha, waye encomeka ngenkutalo nangobuciko. Amava ake kumsebenzi wabantsundu angaba noncedo olukulu kule Dayosis yase Rini esenobuqaba obungqingqwa. Asikeva ukuba ayingebe nguye i Bishop.

Kwelase England kuke kwako inteto yokuba u Nkosi u DINIZULU ukangelwe ukuba ake atyelele kwelo lama Ngesi. U Mr. Fox BOURNE, ongumququzeleli we Bandla elikangelela abantsundu, uvakalise ukuba oko ebeseselugcinweni e St Helena, u Nkosi lowo ubenolangazelelo lokunga angahambela kwelama Ngesi, eba anganetuba lokwaneka inteto yake pambi kwamapakati, abone nelozwe. Kodwa njengokuba ivulelekile indlela ukuba abuyele kwelakowabo kwisituba seveki ezimbini nezintatu, sekubonakala ukuba angabuye ayikangele into yotyelelo ngo June ozayo. Asikeva ukuba sebendulukile esiqitini o Nkosi abo.

Inqanawa yokugqibela evela Engilane ize inencwadana, ngentetoyesi Putukezi, esipaula ukuba yequtywe ngabahlobo bomhlobo wetu u Rev. ROBT. N. MASHABA, kwizilauli zelozwe. Ikwanomfanekiso womfundisi lowo, yaye inelinqaku lokuba ubesekweso siqiti awashiywa kuso ngo 28 September. Inteto yokukululwa kwake ayizange ide ihlambuluke kamnandi. Umbaleli we *Cape Times* yase Kapa wati ukululwe ngokwengxelo ka Rev. MARSHALL HARTLEY kwi Komfa yase England. Esayibona ngawetu amehlo kwi *Methodist Times,* yati kuko itemba ngemigudu ka Lord SALISBURY no Sir H. FOWLER lokuba uza kubehle akululeke. Emakube ke kunjengokuba sabonayo kwesilikankanyo ukugqibela ipepa.

I *Times* yase Dikeni ivakalisa amadoda akuluhlu logqatso lonyulo lwamalungu e Palamente kulomandla likuwo. Lixela u Dr. KELBE (wase Dikeni apo), Dr. DARLEY-HARTLEY (Monti), Mr. T. A. KING (Monti), kakade ke namanene abehleli engamalungu e Dike-Ngqushwa —o Mr. TAMPLIN no Mr. HAY. Elika Dr. HARTLEY" igama lingaroxiswa kula kuba selezite *mfi i-i* kwi Bofolo. Ngokupatelele kwamanye lina asiboni kuba amatungu amadala angagqitwa ngewonga e Bandla ngala amagama abekwa pambi komzi.

Kumadwebeba angezo laulo e Kapa kusatiwa unyulo. olukulu lwamalungu endlu eqala kuyo imiteto lungango February, 1899, ngokoke amalungu e Palamente amadala awakazidubi ngesonyulo.

Umntu ufun' ukuti azinyakazelise i Mantyi. Ngenia yokumka kweyase Kapa kukufa, kuya u Mr. W. M. Fleischer, eyase Bai kona. Nge Bai kuke kwabbkiswa ku Mr. E. Garcia, wase Qonce, ongati akalivumanga. Okwangoku kusatiwe mayike ibe iyakubamba eyase Nisina, u Mr. Jackson. Kweli pesheya kwe Nciba imiswe ngoluhlobo :—U Mr. J. C. Garner, e Libode. endaweni ka Mr. A. H. B. Stanford, yfudusiweyo; Mr. W. J. Turner, e Mount Ayliff, endaweni ka Mr, Garner; a Mr. A. B. Stanford, e Mtata; u Mr, H. H. Bunn, e Port S. Johns; u Mr. Leslie Farrant, ku Mqanduli; u Mr. W. J. Thomson, e Tsomo. U Mr. Levey ubuyela kwase Cala ekupeleni kwale nyanga.

Sisesincomekayo isenzo so Messrs. DAMPBELL BROS, balomzi ngomgudu wabo wokubuta imali kumanene alomzi besenzela ukuba isiqwala esingu FULEPU RALI, esashunqulwa yomibini imilenze sisimba ululiwe wase Transvaal, sifuna lwe imilenze. Bahlanganise £10, yafunywa nge £5, imilenze yemiti, eseleyo uyakumana eyamkela ide ipele. Kwalamadoda ebeququzelela umzi wakwa loliwe obuzimfidi pambi kwe ofisi ye mantyi ubiza intlaulo yawo, kuba use unenyanga ezimbini nezintatu ungamkeli. Elo alenziwanga nto kuba bate kanti bamangalele kwa umqeshwa— abelungu abakulu base Kapa.

Umcimbi wababanjwa bama Betshwana, ababelwe ama Bulu ngu Rulumeni kokona usuke pantsi pakati komzi omhlope. Inqubo ka Rulumeni iyakalazelwa kuba kusitiwa ifuze eyobukoboka—ayikb into yokuba bati bakoyiswa abantu, ngapandle kokuba betete ityala bagwetywe, kusuke kuqeshiswe ngabo. U Mr. INNES wenze inteto ebukali ngolwesi Bini ngokuhlwa e Kapa, evusa umzi ukuba uvule amehlo. Ubuntu bomzi omhlope buyahlazeka zezizinto. Siyaqala ukukolwa yakumelwa kweli lizwe into esazeke ikalazelwa empatweni yontsundu.

Ose Glen Grey uti " Apa libalele kakulu. Sayigqibela ngo March, 1897 imvula." Singavuya ukuba babe bayifumene le yaleveki, kuba kuvakala ukuba ibenkulu kwelingasentla kunalapa; yaye kweli ilizwe libe liselihle kanye ngakwicala lemvula, ngapandle kombindi osuka kwi Xesi lika Kama uye koma Sheshegu, ekuvakala ukuba lisabalele, namikungwana ike yako ayibanga mandla.

Pakati kweqela labanumzana abamhlope abanduluka kweli besiya kwa Bulawayo, kukuvulwa kololiwe kulowo mzi wawuli Komkulu lika Lobengula, kuko no Mr. Tengo-Jabavu, Umhleli weli pepa, esingatandabuziyo ukuba uya kucolela konke ukuze abe nokuba lisela amakowabo.

U MR. F. JOHNSTONE utabate iaitulo so Limo kubu Rulumeni obutsha base Natal.

NGALEVEKI kuko nezokububa kuka Jimy (Mr, J. R. Watson) wase Breakfast Vlei.

KUYAKUBAKO ifandesi lemihlaba e Cumakala rgo 10 a.m. ngolwesi Bini, December 28, ozayo.

U SIR THOMAS UPINGTON, Umcazi-Miteto, seleneveki ezitile ebutataka ngangokuba angabi nakulushiya ukuko lwake.

U BISHOP WILLIAM TAYLOR unduluke ngo Mgqibelo e Durban, e Natal, ngenqanawa eya e London. Ngamana wandlela ntle.

I OFISI epete i Koloni e London ayivumanga ukubapulapula abatunywa base Swazini kuba benduluke bengazisanga kwizipatamandla kweli.

I "TELEGRAPH" yase Bai iva ulure lokuba u Mr. Cronwright-Schreiner uyakucelwa ukuba abe kwabaya kunyulelwa i Palamente kweso sixeko.

IMANTYI yase Herschel iti uselebupela ulandipasi kwelo lase Gqili, alisavakali ifute lake. Kuko imizi ebushulisiweyo, eminye isenenkomo ezaneleyo ukuba ilime.

I RULUNEM yamkelwe ngemihlali nodumo e Kimberley. Untsundu olumenzele into lolwakwa Mgibisa apo asinelwe ezakwa Zulu, wabolorelwa ezo Makadu yeyase Koloni.

U MR. W. E. STANFORD, Umongameli Omkulu Wontsundu, usate gxada e Mtata ngetyala e Jajini lom Rilikwa u La Fleur, lokungqukungqa isipitipitana apa esaka savakala ngase Mzimkulu.

ABANYE ABASUKA e Qonce ukuya kukuvulwa kololiwekwa Bulawayo ngo Mr. T. N. Dyer (Inkulu Yomzi), Mr. T. E. Duckies (Umhlali-pambili womanyano lwaba Rwebi), Mr. Chailes Dyer, Mr. H. Rose-Mackenzie we *Cape Mercury,* no Mr. H. D. Blewit we *Watchman.*

I RULUNELI isibekile isandla kwisigwebo esawa apa e Qonce sokuba baxbnywe o Thomas Skoon nonina u Mityi Skoon, ngokubulala abantu abane e Nqantosi; abanye ababini—u Nkatazo Skoon no dade wabo u Tiyani—baya kuhlala ubom etolongweni.

## AMANANI EZINTO.

E QONCE.—Emarikeni ngolwesi Bini 26 : Ibhotolo 1/10 ne 2/10 ngeponti, Amaqanda 6d ne 1/2 ngadenni, Irasi eluhlaza 1/7 ne 1/9 ngedezini, flara 9/6 ne 9,9 ngekulu, Umbona 8/ ne 8/1 ngekula, Inkaka 1/10 ne 2/4 inje, I orange 2/10 ne 8/6 ngekula lamabumbulu, Amatanga 2/7 ngedezini, Inkani 15/ ne 60/ ngeflara.

E MONTI.—Emarikeni ngolwesi Bini 26 : Imbotyi ezimhlope 15s ne 17 6d ngekula, Ibhotolo entsha 1s 9d ne 3s ngeponti, Amadada 2s 9d ne 3s lilinye, Inkani 10s ne 48s ngeflara, Ihabile 3s ne 9s ngekulu, Inkuka 2s ne 2s 9d inye, Amazimba 6s 6d ne 7s ngekula, Umbona 6s 6d ne 7s 3d I orange 2s 6d ne 11s 1d ngekulu, Itapile 10s ne 12s 6d ngekulu.

E RINI.—Ibhotolo 1s 9d ne 2s 9d ngeponti, Irasi 6s 6d ngekulu, Imbotyi 13s ne 14a ngekulu, Isemile 4s l1d ne 6s 6d ngekulu, Amadada 4s ne 4s 4d lilinye, Amaqanda 1s 4d ne 1s 8d ngedezini, Inkuku 2s ne 2s 9d inye, Ihabile 3s ne 4a ngeknlu, Irasi eluhlaza 9d ne Is 3d ngedezini, l ertyisi eziluhlaza 9d ne 1s 3 | nge ambilana, Ubuai Is 6d ne 1s 6 ½ d ngebotile, Amazimba 8s 6d ne 9s ngekulu, Umgubo 31a ngengxowa, Umbona 9s ne 9a 6d ngekulu, Itapile 93 ne 12 ngekulu; Amatanga 2s ne 4s 7d ngedezini, Inkuni 35s ne 41s ngeflara.


Kuzo zonke izifo zendawo ezitambileyo, naxa ungalungelelene umzimba, akukonto ilunge njenge Wine ye Cod Liver Oil ka Steam (ene sinciti). Kubafazi, abantwana kwane milwelwe Ingumomelezi Wenene. Amandla eliyeza asekubeni lenziwe ngokwahlukileyo kwi Cod Liver Oil, ngokudityaniswa ne wayini etambileyo, elenza libe mnandi kakulu ngapezu kwe *Emulsions* ne Malt Solutions, likwanawo amandla e Oil nakuba kungeko vumba lantlanzi. Litengiswa ngabatengisi mayeza bonke, imbodlela ezinkulu nezincinci.—ADV.


AKURWETTWA NGANDLELA NYE.—Umfo otile kwelase Melika urole indoqo yeqinga lokwenza imali. Uhlanganise intombi ezifuna ukwenda, wazitumela emingxunyeni kwelase Aliska apo kuvakala ukuba befunwa ngqo ngqo abafazi, selahlanganise ama 300 entombi. Inye uyitengise ngendaliso ezikuma 200 nama 3 000. Lishishini, —hi nje ma Afrika? Ngati sekunjalo e Rautini ngesikuvayo ngentombi ebetingati aziteni kukwenda kweli, esezizendisile kwelo.


Abantu base Amerika ngabona batshatsheleyo ekwenzeni izinto ezintsha apa emhlabeni. Kabo bodwa kukutshwe 10,000 iziqiniselo, okanye ngapezu kwe siqendu sesltatu sazo zonke iziqiniselo ezikutshwe ehlabatini lipela. Kwizinto ezite zafunyanwa kule minyaka ezinoncedo eluntwini akuko idlule elika Chamberlain le Cholera ne sisu segazi, laye lisebenae kakulu ukupilisa intlungu nokugula. U J. W. Vaugn, wase Oakton, Ky., uti:" Ndilisebenzisile elika Chamberlain le Cholera ne Sisu Segazi elusatsheni Iwam iminyaka etile, ndalifumana lilelona yeza lilungileyo ekutini nkwa kwesisu namatumbu." Litengiswa ngu R. Eumsden & Co., Umtengisi Mayeza

